basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LOKUQALA (P1)

## NOVEMBA 2019

**AMANQAKU: 80**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha ali-13.**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

Tyhila iphepha

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-20 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-50 |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

**IFASHONI BUBUGCISA**

1 Uninzi lwabantu lwakuva igama elithi, 'ifashoni' lucinga ngempahla enxitywayo. Ewe, ifashoni iyayibandakanya impahla enxitywayo kodwa enyanisweni ifashoni inokuchazwa ngokuba yindlela loo nto ithile eyenziwe ngayo. Ngokwentetho exhaphakileyo ifashoni sisitayile esikhoyo ngelo xesha sokunxiba, sokuziphatha okanye sokwenziwa kwezinto ezithile. Igama 'ifashoni' libandakanya imiba eliqela, nakuba kweli nqaku kuza kugxilwa kwifashoni eyimpahla enxitywayo.

2 Ifashoni ayisosiphumo samatshamba omntu osuke walala wavuka wenza, koko yingcingane ehlupheze ingqondo yomntu, waza wathatha inyathelo lokuyila oko akubona ngeliso lengqondo. Ngokwenza oko akhuphe into ephathekayo ukuze ibonwe lilizwe lonke liyibuke. Lilonke, ifashoni njengazo zonke izinto ezikhoyo ebomini, isekwa ngeenjongo. Ezinye zezo njongo kukudlulisa umyalezo othile nokudala uthungelwano phakathi kwayo nentlalo.

3 Iindidi zefashoni zifika zidlule, azimanga ndaweninye. Oku kudalwa lifuthe leenguqu ezenzeka kwizithethe neenkolelo zabantu. Ifashoni kanye njengezithethe neenkolelo, isiseko sayo yinkcubeko kunye nobuhle bendalo. Ukugcinwa nokuphelelwa kwefashoni kuxhomekeka kakhulu kuluntu oluphila ngelo xesha ezimbalini. **Entlalweni yethu, indlela umntu aphila ngayo, izinto azixabisileyo neemvakalelo zakhe zidizwa yindlela anxiba ngayo okanye enza ngayo izinto.** Oko kukuthi, akudingeki ukuba ubani ade avule umlomo athethe ezichaza, inkangeleko yakhe ithetha igqibe ngaye. Ifashoni ihamba namaxesha, ibonwa ngotshintsho kwaye inentsingiselo.

4 Impumelelo yefashoni ijongwa ngokwezinga lokwamkeleka kwayo kuluntu. Le mpumelelo ixhomekeka kakhulu kwindlela abathi abantu bayitolike ngayo phambi kokuba bazithathele izigqibo. Oku kuthetha ukuthi izinga lokwamkeleka kwayo likhuthazwa zizinto abazixabisileyo abantu neempawu zezimo zabo. Kaloku, indlela umntu akhangeleka ngayo ngaphandle ithetha lukhulu ngaye, ikwagqithisa ulwazi oluthile. Ngenxa yoko, umzila wefashoni udala ulangazelelo lokuziphucula kumntu wonke nkqu nabatsala nzima.

5 Ifashoni ihamba nonxibelelwano, lona lusebenzisa ubugcisa betekhnoloji. Olu nxibelelwano aluphelelanga ekukhuthazeni ukwabelana ngolwazi malunga nezinto ezixabisekileyo ekukho phakathi kwazo nemiba yefashoni, kwenza kubelula ukuthenga nokuthengisa ehlabathini jikelele. Oku kubangela ukuba ibelulutsha oluthatha izigqibo zokuba ifashoni ihlala ixesha elingakanani. Lulutsha kaloku olutsala iintambo kwimiba ebhekiselele kwifashoni kuba lunobuchule bokusebenzisa ubugcisa betekhnoloji ukunxibelelana namanye amazwe ehlabathi. Obu bugcisa ngoko benze ukuba ukuqelelana kweendawo kungabiyongxaki. Ngaphezulu, ulutsha alukoyiki ukuqala izinto ezintsha kwaye lulinga zonke izinto ezingaqhelekanga ngokuzithemba.

6 Abathengi babanolangazelelo lokuba yinxalenye yefashoni. Ikho imimiselo engqalileyo ngendlela yokunxiba, ngoko ke umba wesinxibo ulawulwa ziimeko nokulindelekileyo entlalweni. Abantu bazama kangangoko banakho ukuba bafaniswe nendlela ethile yokunxiba. Oku bakwenza ngokunxiba iimpahla ezikwizinga eliphezulu lefashoni ekhoyo ngelo xesha. Ubukhulu becala injongo yabo kukutsala uthando loluntu ngokunxiba ngendlela eyamkeleke kwiqela elithile labantu. Kaloku kukho uluvo lokuba imbonakalo iyindlela echubekileyo yokunxibelelana nokuvakalisa izimvo.

7 Umba ophambili ngefashoni kukwahlula phakathi kwefashoni yabantu abaziindumasi kunye naleyo yemihla ngemihla. Kule mihla akusekho nto yafashoni yaseNtshona. Indlela eyahlukileyo yokunxiba izalwa yimigaqo yestayile esithile, iingcingane zabayili beefashoni nengqikelelo yamaziko azisa iinkonzo zempahla. Kwakho, ifashoni kukwahlula ukunxiba ngokwemixholo ethile. Umzekelo, xa ubani esiya kumsitho ondilisekileyo kulindeleke ukuba anxibe ngokundilisekileyo. Kwezemidlalo ubani kulindeleke ukuba akhethe isinxibo esihambelana nokukhululeka nesenzelwe oko. Kanti kwisinxibo sepati injongo yabantu kukunxiba babeyokoyoko yihombo babashiye abantu bengayivali imilomo kuba benxiba izinxibo ezayanyaniswa nezeendumasi. Bubucukubhede befashoni ke bonke obo.

8 Ngalinye, xa umntu ecinga ngefashoni makajonge konke okuyichaphazelayo ukusukela kubuchule babayili, iinjongo, inkcubeko nayo yonke imiba yentlalo. Ifashoni ifuthelwa yintlalo ibe kwayona inefuthe entlalweni. Okubalulekileyo kukuba umntu makangawexulwa yiyo yonke into ekuthiwa yifashoni, aqiqe kuba zonke iifashoni zifika zidlule.

[Sithatyathwe kuwww.researchgate.net saze saguqulelwa esiXhoseni]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 Yintoni ifashoni ngokwalo mhlathi? (1)

1.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Igama 'libandakanya' linika intsingiselo:

A Yokukhalazela izinto.
B Yokwahluka kwezinto.
C Yokuncoma izinto.
D Yokuquka izinto. (1)

**Jonga kumhlathi 2**

1.1.3 Xela ukuba isisiphumo santoni ifashoni ngokwalo mhlathi. (1)

1.1.4 (a) Nika izinto ezifaniswayo kwisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)

(b) Xela ukuba zifana njani ezi zinto. (1)

1.1.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli:

Igama 'ezinye' kwibinzana ... 'ezinye zezo njongo' ... kumgca we-12 lisetyenziselwe ukuphuhlisa ukuba (zizo zonke/ayizizo zonke) iinjongo zefashoni ezenza oku kuxeliweyo. (1)

**Jonga kumhlathi 3**

1.1.6 Xela okwenza ukuba ifashoni ifike idlule ngokwalo mhlathi. (1)

1.1.7 Nika izinto eziMBINI ifashoni esekelwe kuzo ngokwakumgca we-16. (2)

1.1.8 Ngqina uluvo oluqulethwe sisivakalisi esibhalwe ngqindilili uluxhase. (2)

**Jonga kumhlathi 4**

1.1.9 Yintoni ekhokelela abantu ukuba bathathe izigqibo ngefashoni? (1)

1.1.10 Siphuhlisa ntoni isakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esilandelayo.

... phambi kokuba ba<u>zi</u>thathele izigqibo ... (1)

1.1.11 Sebenzisa igama elinye endaweni yebinzana 'nabatsala nzima'. (1)

**Jonga kumhlathi 5**

1.1.12 Xela ukuba isimelabizo soqobo u 'lona' esikrwelelwe umgca ngaphantsi sibhekisa entweni ni. (1)

1.1.13 Nika ngeengongoma eziMBINI okubangela ukuba ibelulutsha oluthatha izigqibo ngokutshintsha kwefashoni ngokwalo mhlathi. (2)

**Jonga kumhlathi 6**

1.1.14 Cacisa ukuba okuthethwa kulo mhlathi kusixhasa njani isihloko sesi sicatshulwa. (2)

**Jonga kumhlathi 7**

1.1.15 Xela umfanekiso-ngqondweni ofumaneka kwibinzana 'babeyokoyoko yihombo' kulo mhlathi. (1)

**Jonga kumhlathi 8**

1.1.16 Ingaba oku kuthethwa sisivakalisi esingazantsi kuyayiguqula indlela obucinga ngayo ngefashoni? Xhasa impendulo yakho.

Okubalulekileyo kukuba umntu makangawexulwa yiyo yonke into ekuthiwa yifashoni, aqiqe kuba zonke iifashoni zifika zidlule. (2)

**Jonga kwitekisi yonke**

1.1.17 Chaza injongo yombhali ngale tekisi. (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**




[Uthathwe kwi-www.cartoonstock.com]

1.2.1 Chonga izinto zibeMBINI ezibonisa ukuba uJean isitayile sakhe seseli xesha. (2)

1.2.2 Chaza ukuba lo mfanekiso ulibonise njani ifuthe leminyaka kwifashoni. (2)

1.2.3 Nika umyalezo oziswa ngulo mfanekiso. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Isicatshulwa C esingezantsi simalunga nobomi obunempumelelo.

Funda isicatshulwa C esingezantsi uze ubhale iingongoma eziphambili unike amacebo ngezinto anokuzenza umntu ukuze aphumelele.

### IMIYALELO

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-70.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya ku-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

### ISICATSHULWA C

**UNGAGQWESA EBOMINI**

Ukuzifundisa ukugqwesa ebomini kungabonakala kulinyathelo elinzima kodwa ukuba umntu uthe walinga, akukho nto ibuya imxake. Ngokulandela ezi ngcebiso zilandelayo, nawe ungagqwesa ebomini.

Yikhethe ngobunono eyona nto ufuna ukubayiyo ebomini uze uzidibanise nabantu abahambisana ncakasana nombono wakho wobomi bengenazinjongo zakukulahlekisa. Abazali nezizalwana zingakwenza ngempumelelo oku. Usenokwenza nesicwangciso sokubahambela ngokokubaluleka kwabo kuwe.

Yiba neliso lokwahlula okukusebenzelayo kokungakusebenzeliyo. Kuyenzeka ukuba ngamanye amaxesha iphuncuke into ubuzikhethele yona, kwakubanjalo musa ukuzikhathaza ngokuzama ukubhutyabhutyana nayo kuba oko kungakukhupha endleleni. Umntu oneliso lokuyibona kwangoko into engasamsebenzeliyo usithatha lula isigqibo esitsha.

Beka bucala ixesha olichitha nosapho nezihlobo ngokuthi ubenesicwangciso sokuzikhupha ninonke. Asibobuchule ukuyekelela umxakatho ulindele ukuba usapho lwakho luza kufumana elo thutyana liza kuthi lishiyeke kwelo ulabele izinto ezizezinye. Kusenokuvela imicimbi equbulayo kodwa xa unesicwangciso akulula ukushenxa kuso.

Qiniseka ngesiqu sakho ukhusele izinto ezizezexabiso kuwe. Oku kuqiniseka nokuzazi kukunceda ngokuthi ubambelele kwizinto ezibalulekileyo nozithandayo. Ukulichithela kwizinto ozithandayo ixesha lakho kungakulola ude uphumelele kuzo.

Zicime izixhobo zakho zetekhnoloji xa usenza into ekuzisela ulonwabo. Ukwenza izinto ezininzi ngaxeshanye kungakulibazisa kakhulu. Yiba nobuchule bokulahlulahlula ixesha lakho, uwonwabele ngokupheleleyo umzuzu ngamnye onawo, kungekho nto ikuphazamisayo. Zonke izicwangciso zakho mazilawulwe lixesha ozisikele lona ukuze zifezeke. Baninzi abantu abazibona bengayigqibi imicimbi ebebezimisele ukuyenza ngenxa yokungazibekeli maxesha okuyigqiba. Ungalileqa ngempumelelo iphupha lakho xa ulayamanisa nexesha odinga ukulithatha ukuze lifezeke.

Zakhele inethiwekhi engqingqwa yabahlobo nabaxhasi. Akuyi kuzisola ngexesha lakho olichithela usenza oku kuba loo nethiwekhi iya kukunceda kakhulu ngamaxesha anzima.

[Sithathwe kuwww.fastcompany.com saze saguqulelwa esiXhoseni]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**




[Sithathwe kwi*BONA* magazini, Februwari 2018, iphepha 87 saza sahlelwa]

3.1 Nika igama lemveliso ethengiswa kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.2 Bhala isilogani sesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.3 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

Igama 'zivele' elikule ntengiso ...

A liyakhuza.
B liyayalela.
C liyachaza.
D liyalandula. (1)

3.4 Nika lubeluNYE udidi lwesinongo olufumaneka kule mveliso. (1)

3.5 Chonga igama elibhekisa kumthengi kwesi sivakalisi silandelayo.

Zifumanele eyakho ngoku! (1)

3.6 Chaza ukuba linafuthe lini ibinzana '… ncuthu lwencasa entubululu' kwesi sibhengezo-ntengiso. (2)

3.7 Caphula isivakalisi esinolwimi olubaxayo kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.8 Ingaba esi sibhengezo-ntengiso siyithengisa ngokuthimbayo le mveliso? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




[Ithathwe kuwww.couragecomicstrips.com]

4.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Amachaphaza amathathu akwintetho kaMpho ekwisakhelo soku-1 asetyenziselwa ukubonisa ukuba intetho:

A Igqityiwe
B Ingumbuzo
C Isaqhuba
D Iyimpendulo (1)

4.2 Nika intsingiselo yegama, 'ngomso' elikwisakhelo sesi-2 nakwesesi-4 ngokwale khathuni. (2)

4.3 Usebenzise buchule buni uMpho ukuthethelela ukunqena kwakhe? (1)

4.4 Ngqina uzixhase ukuba uLeo uyamphoxa uMpho kwisakhelo sesi-3. (2)

4.5 Xela ukuba uvakalelwa njani uLeo kule khathuni iyonke. Xhasa impendulo yakho. (2)

4.6 Ucinga ukuba uphumelele uLeo ukumtyhafisa uMpho? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: IPROZI**

5.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo ebuzwe kuso.

**ISICATSHULWA F**

**UBUHLE**

Kukho imbongi yasemaNgesini, uKeats, ethi ukuthetha ngobuhle isebenzise amazwi anokutolikwa ngokuthi, 'Into enobuhle iluvuyo lwaphakade; ukuthandeka kwayo kuya kusanda, yaye ingasayikuze iphelele ekubeni ingabi nto yanto.' Ubuhle bento owakha wayibona abupheleli kuloo mhla wayibona ngawo, koko buhlala buhleli engqondweni, ithi naxa loo nto sel'uwedwa ungasayiboni, ucinga ngayo, ithi thaa kwiliso lenkumbulo ngobaa buhle bayo. Kungenxa yoko le nto itshoyo imbongi ukuthi ubuhle luvuyo lwaphakade.

Ubuhle yinto ebukekayo, ethandekayo, nenqwenelekayo kuye wonke umntu. Nangani amehlo engaphakelani, abantu bebona ngokubona, wonke umntu uyayithanda loo nto acinga ukuba intle. Emntwini bukho ubuhle bembonakalo yangaphandle obanelisa iliso, kanti ke bukho nobuhle bangaphakathi obungenakubonwa ngawenyama.

[Sicatshulwe kwincwadi, Amavo Amafutshane: A. Madala; iphepha 5]

5.1.1 Chonga isenzi esikuhlobo lokukhankanya kwesi sivakalisi silandelayo.

... ethi ukuthetha ngobuhle isebenzise amazwi anokutolikwa ... (1)

5.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Isivakalisi 'Into enobuhle iluvuyo lwaphakade ...' kwisicatshulwa sisetyenziselwe:

A Ukugxeka
B Ukuncoma
C Ukukhuthaza
D Ukuqhatha (1)

5.1.3 Nika isichasi segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esilandelayo.

... <u>ukuthandeka</u> kwayo kuya kusanda ... (1)

5.1.4 Bhala isimelabizo soqobo endaweni yesibizo esibhalwe ngqindilili.

**Ubuhle** bento owakha wayibona abupheleli kuloo mhla wayibona ngawo ... (1)

5.1.5 Bhala igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa ngokupheleleyo. (1)

5.1.6 (a) Chonga isifanekisozwi kwisivakalisi esingezantsi (b) uze uxele ukuba sisetyenziswe njani.

... ucinga ngayo, ithi thaa kwiliso lenkumbulo ... (2)

5.1.7 Nika intsingiselo eziswa ligama, '**ngobaa**' kwesi sivakalisi singezantsi.

... **ngobaa** buhle bayo. (2)

5.1.8 Lungisa isiphene esikwesi sivakalisi singezantsi.

Abantu bayazithanda ezo nto bacinga ukuba intle. (1)

5.1.9 Caphula ibinzana elithetha into enye neli '**bengaboni ngokufanayo**' kwisicatshulwa. (2)

5.1.10 Xela izigaba zentetho zamagama akrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esilandelayo.

<u>Emntwini</u> bukho ubuhle bembonakalo yangaphandle obanelisa <u>iliso</u> ... (2)

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**




[Uthatyathwe kuwww.dhgate.com yahlelwa]

5.2.1 Bhala isivakalisi esilandelayo ngendlela echanekileyo, uwasebenzise amagama alandelayo njengoko enjalo.

Umntwana ifashoni ukunxiba ukonwabele. (2)

5.2.2 Bhala isivakalisi usebenzise igama 'andinakushiyeka' komnye umxholo linike intsingiselo yawo. (2)

5.2.3 Lungisa igama elikwizibiyeli ukuze isivakalisi sifundeke ngokuchanekileyo.

Iindondo (-mntwana) zezi zisefashonini. (1)

5.2.4 Bhala kwakhona izivakalisi ezilandelayo zibe sisivakalisi esinye usebenzise isihlanganisi esikwizibiyeli.

Umama makayigcine ifoto yestayile somntwana.
Umntwana ayibone akubamdala. (ukuze) (1)

**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C : 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**